XHOSA

# Online grant application

sassa
SOUTH AFRICAN SOCIAL SECURITY AGENCY

**STEP 01**

Unganxibelelana kwi-website yeenkonzo zika SASSA kuso nasiphi isixhobo esinakho ukusebenzisa i-intanethi.

Vula indawo yokukhangela inkcukacha kwisixhobo sakho , umzekelo Google Chrome okanye Microsoft Edge, ubhale https://services.sassa.gov.za

Indawo yokukhangela iinkcukacha izakuthumela kwikhasi lenkonzo zika SASSA apho uzakubhalisa khona kwinkonza ezahlukahlukeneyo.

**STEP 02**

Ukubhalisa, cofa kwiqhosha elibhalwe Bhalisa uze ufake inkcukacha zakho. Xa ugqibile cofa iqhosha lokugcina ukuqhubekeka.

iPIN izakuthunyelwa kumnxeba wakho wesandla ukuqinisekisa uba ubhalisile. Faka iPIN kwisithuba esinikezelweyo ukugqibezela ubhaliso. Uya kukwazi ukungena kwikhasi leenkonzo zika SASSA.

**STEP 03**

Nceda ugcine ikhasi livulekile ngexesha usalinde iPIN. Ukuba uthe walivala ikhasi ungakwazi ukubuyela umva uphinde ufune enye iPIN.

Kwikhasi elisekuqaleni uyakwazi ukungena kwiinkonzo zikaSASSA ezahlukahlukeneyo, kodwa ke izakuchaza ukuba senziwa njani isicelo sesibonelelo.

**STEP 04**

Okulandelayo, Cofa ku "Faka Isicelo sesibonelelo" ukhethe isibonelelo osifunayo. Ukubonisa masisesbenzise isibonelelo sabantu abadala njengo mzekelo.

Ngoku uzakubona uxwebhu lokufaka isicelo sesibonelelo, faka inkucukacha kwixwebhu elinemibuzo, uqinisekise ukuba zonke inkcukacha zizo ngokwe sazisi sakho.

Iwemibuzo kuncedisana nokuba uzazi izinto eziyimfuno xa usenza isicelo. Xa uphendula imibuzo qiniseka ukuba uthetha inyaniso, ngoba xa uphosisa singalibaziseka isicelo sakho, ungade ube uyabanjwa.

Nceda qiniseka ukuba ufumana uxwebhu lwesiqinisekiso kunye nesifungo sikaSASSA kwsicelo sakho usebenzisa ii-link ezicofekayo ngaphambi kokuqhubekeka.

Ukuba udinga uncedo oluthe vetshe, ungasebenzisa iphepha lemibuzo ukuqwalasela ukuba kufunwa ntoni , izakuncedisa ukuqhubekeka nesicelo.

**STEP 05**

Ngoku ungalugcwalisa uxwebhu lwesicelo kunye nesifungo sikaSASSA ngokufaka inkcukacha ezidingekayo kwikhasi, ucofe u Qhubekeka ukuya kwisigaba esilandelayo.

**STEP 06**

Uzakukhonjiswa kwikhasi lenkonzo zikaSASSA apho uzakufaka khona amaxwebhu akhapha isicelo sesibonelelo. Khumbula ungazifumana uzi shicilele isifungo sika SASSA kunye noxwebhu lesiqinisekiso sebanki kwikhasi lweenkonzo zikaSASSA.

**STEP 07**

Onke amaxwebhu adingekayo azakudweliswa kwikhasi, kuyakuchazwa ukuba ngawaphi amaxwebhu asafunekayo ukuze isicelo siqgibeke.

Amanye amaxwebhu adinga ukuqinisekiswa ngokusemthethweni phambi kokufakwa kwi fomathi eyamkelekileyo.

**STEP 08**

Ukugqibezela isicelo, cofa ku FAKA AMAXWEBHU !!

Uzakufumana umyalezo ne emeyile eqinisekisa ukuba isicelo usifakile ene nombolo yereferense ozakuyisebenzisa uku landelela isicelo sakho. Umhla wesicelo ngulo uSASSA azakube efumana ephelele amaxwebhu ayimfuneko ahamba nesicelo.

*paying the right social grant, to the right person, at the right time and place. NJALO!*

**#SASSACARES**

**Toll free: 0800 60 10 11**
**www.sassa.gov.za**

social development
Department: Social Development
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NDA National Development Agency

2030 NDP

STAY SAFE
PROTECT SOUTH AFRICA
TOGETHER WE CAN BEAT THE CORONAVIRUS